



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2018

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linama CANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO ngalinye.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhwiwo Iwezivakalisi.
8. Lingcebiso malunga nolwabiwo Iwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama - 50	(50)
ICANDELO B: Imizuzu engama - 30	(30)
ICANDELO C: Imizuzu engama - 40	(40)
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

1.1 Fundisa esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UKUTYA

- 1 Eli gama liqhelekile kwaye akukho mntu ungalaziyo kuba sonke siphila kukutya. Ke mawethu masazi le nto yokuba uhlanga ngalunye lunohlobo lokutya olukuxabisileyo. Ukutya kwethu thina maXhosa ngumbona esithi siwenze umngqusho, isidudu, isonka, amarhewu, utywala kanti amaZulu wona athanda irayisi kakhulu. KwelaseNtla kusetyenziswa uphuthu, ipapa ezizigaqa eyenziwa ngomgubo wombona. Kwezinye iindawo yenziwa ngomgubo wamazimba. Ngenxa yokuba iindidi ngeendidi zokutya zininzi umbandela wokuphekwa nokuxutywa siya kuwushiya kubantu abaziincutshe kwelo cala. Thina siza kucwezela kude nendlu siye ehlathini apho siza kudibana neendidi zokutya komntwana womXhosa xa ezhilalela endle esolusa iinkomo.
- 2 Njengoko inkwenkwe yomXhosa ivuka kusasa iyokwalusa ibuye ngorhatya *lwemivundla*, ingaba ke iyifumana phi idinala? Iyifumana ngokusebenzisa ingqondo nobuchule obudibene nolwazi. Yakufika ehlathini iyazazi iziqhamo emayizitye kuba ukuba ikhe yatya ezingatiwayo, yogula sisisu. Kothi kwakungena inkomo ehlathini uyibone nayo seyikhumattele kwintlokotshane, umbhongisa, umbhovu, umnqabaza, isiphingo, amaqnube, umqokolo, iingwenye, amakhiwane, njalo njalo. Sowuya kubona ngokujika kwamazinyo, ulwimi nomlomo ukuba umnene uyigxothile indlala. Ukuphuma apho wombona urheme esomba amagontsi, umsibe, inongwe kunye neentsenge, ezo ziingcambu zemithi. Umalusi udla ngokuzifumana phantsi kwemithi kanti namaggabi emithi ayamfimfithwa.
- 3 Imifino iziindidi ngeendidi kwaye abantu bayo bayayazi. Ithi yakusiwa emakhaya iphekwe idityaniswe nomgubo wombona, okanye ityiwe ililaxa. Ithandwa kakhulu ngabasetyhini. Kudala kwakukade kusithiwa imifino kukutya kwabafazi kuphela kodwa namhlanje ndikhe ndiwabone amadoda eyitya. Ukuze uqonde ukuba iyathandwa ngabasetyhini, wofika xa beyitya bebaninzi umntu ehleli ngentsula enye, enable esimelele ngengalo enye. Ukyuyita oku kulayishwa icephe lizale, ukuthi tshwa kwalo emlonyeni, kulanlala iindaba eseziphambana abafazi abalishumi ababetye umfino ongenguwo. Kwenye ilali kwaphambana abafazi abalishumi ababetye umfino ongenguwo. Kwanyanzeleka ukuba basiwe esibhedlele, ngethamsanqa akwabikho uswelekayo.

- 4 Zininzi iinyamakazi ezithandwa ngabazingeli umvundla, iqqa, inkawu, udyakalashe, imbila, inyhwagi nezinye. AbeSuthu bona bade batye namahashe, ama-Ibho kwelaseNigeria adla nenja. Inkoliso yezi zilwanyana iyaphewa kanti zikhona ezo zifukuthwayo, zityiwa zikrwada. Asingomakhwenkwe odwa adla izinto zasendle koko namadoda nabafazi bayazidla. Njengoko amaXhosa kudala ebengengobantu bakhathalele kulima mifuno, ebedla ngokuyivala le ndawo ngokusebenzisa imifino yasendle. Phofu nanamhlanje basekho abayithandayo nabayisebenzisayo. Ungafika umfazi egulile emasimini okanye ehlathini echola chola irhwabe, urhalajane, inyibiba, imbikicane, ivatala, umsobo neminye imifino. Le mifino iziindidi ngeendidi kwaye abantu bayo bayayazi. Kungoko uye ubone ukuba kuxhelwe exhukwane xa iphekiwe.
- 5 Le nto ikukutya okumnandi ixhomekeke ekubeni nina niluhlanga luni na kwaye ngokwesithe nitya ntoni na? Thina maXhosa, njengoko senditshilo, sitya umbona nenyama yenkombo, bhokhwe, gusha, hagu, nkukhu njalo njalo. Ezinye iintlanga zitya izinto ezininzi ezohlukileyo kuthi. Omnye umfo wakha wahambela eMelika, enziwa ke amalungiselelo okumamkela umfo womXhosa phesheya kolwandle. Umfo wothuka wabanda ngaphakathi wanga angaxhuzula ukubona inkunzi yesele eqhotsiweyo ibekwe etafileni, iyeyona nto kujongwe ukuba yeyona nto aza kuyithanda kakhlulu njengoko kudla ngokubanjalo xa umntu ephekelwe inkukhu. Wakha wazama ukuthi cwe empundwini yesele, hayi bo woyiswa. Badana noko abahlobo bakhe kuba bona babecinga ukuba bamenzele esona sidlo siphucukileyo. Lo mfo waziva ekhumbula apho asuka khona, ngakumbi xa ecinga ngezabelo zenyama. Abafana kwaXhosa eyabo inyama ngugeme enkomeni, amaxhego atya ubambo nenkamanzi, abafazi batya injek, ulusu nezinye, ze abatshana babekelwe ilunda enkomeni.

[Sicatshulwe kwincwadi ka-K.S.Bongela ethi: Iphulo. Iphepha 83-85 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1.

- 1.1.1 Kutheni umbhali esithi liqhelekile eli gama ‘ukutya’? (1)
- 1.1.2 Okona kutya kwamaXhosa koku. Khetha kwezi mpendulo zingeantsi:
- A Umngquhu nesidudu.
 - B Umngquhu namarhewu.
 - C Umngquhu nerayisi.
 - D Amarhewu nepapa. (1)
- 1.1.3 Kukuthini **ukucwezela** ngokwalo mhlathi? (2)
- 1.1.4 Khetha igama elinye elibonisa ukuba ziingcaphephe? (1)
- 1.1.5 Nxulumanisa isihloko sesi sicatshulwa kunye nomxholwana walo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 2.

- 1.1.6 Dwelisa iziqhamo zasendle zibe zibini. (2)
- 1.1.7 Bhala isaci / iqhalo ngegama elibhalwe bukekela ‘umvundla’? (2)
- 1.1.8 Nika icebo lokugxotha indlala ehlathini? (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.9 Xela isiganeko esakhe sehla ngenxa yomfino. (1)
- 1.1.10 Nika intsingiselo yebinanza elibhalwe ngezantsi:
Kulandele iindaba ezixutyiweyo. (2)
- 1.1.11 Yinyani / Bubuxoki: Imifino kukutya kwabafazi? Xhasa impendulo yakho. (1)

Jonga kumhlathi 4


- 1.1.12 Umbhali ulisebenzise njani eli gama ‘bade’ kulo mhlathi? (2)
- 1.1.13 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi 5

- 1.1.14 Liphuhlisa ntoni uphawu lombuzo elikumqolo wesibini kulo mhlathi? (1)
- 1.1.15 Zenzo zini ezenziwe lundwendwe lakuba luwongiwe ngesidlo? (2)
- 1.1.16 Bonisa ukuchaneka komxholo kwisihloko sesi sicutshulwa. (2)
- [24]

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Funda le grafu ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 1.2.1 Xela amagama amaphondo amabini asebenzisa isiXhosa kakhulu? (2)
- 1.2.2 Nika ubungqina bale mpendulo uyibhale apha ngentla. (1)
- 1.2.3 Leliphi elona lwimi lineqondo eliphantsi komyinge ka-40%. Ucinga ukuba kutheni kunjalo. (1)
- 1.2.4 Chonga iphondo elisebenzisa iilwimi ngokuntanga nye, uze uchaze nepesenti ezime kuzo. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: **30**

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathelo unike iindlela amasebe asebenza ngawo ukupuhhlisa ulawulo olululo. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi -7 ubude bungadluli kuma 60–70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwestishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

ISICATSHULWA C

UMKHOMBANDLELA WOLUNTU

Urhulumente uza notshintsho kwaye uza kusebenzisa amasebe ukuzisa umgaqonkubo wolawulo olungcono nempatho elungileyo. Loo nto izakubeka ingxowa yoMzantsi Afrika kwiqondo elinenkqubela ephambili nezinzileyo. Amasebe aza kuthatha inxaxheba ngala alandelayo:

Isebe likaNobhala wedolophu lilawula yonke imicimbi yedolophu. Uthatha izigqibo ngezinto ekufuneka zenziwe, imicimbi edla idolophu. Apha kweli sebe kukho amalungu ebhunga ledolophu. Isebe likoSosiba wedolophu lligcina imizuzu yazo zonke iintlanganiso. Ukwathembekile nakulawulo lwayo nakuyo yonke imicimbi ngethuba lokuxakeka.

Isebe leNjineli yedolophu likhathalele zonke iindlela kune neendledlana ezsicaleni kwendlela. Yondlala imibhobho aphi kunokuhamba khona amanzi amdaka. Ikwajonge ucoceko lwabantu kune nolwedolophu. Kuye kusetyenziswe izixhobo zokucoca ezifana noomatshini kune neenqwelo ezitshayelayo.

Injineli yombane ifakela iintambo zombane ize iqaphele wonke umbane wedolophu, nakwindawo ekuhlala kuzo abantu. Inika umbane kwindawo ezininzi ezifana nezakhiwo zaseburhulumenteni, iindawo zoshishino nakwindawo zolonwabo. Umbane wenza impilo yethu ibe lula kakhulu. Ibalulekile injineli yombane kuba xa kukho ingxaki yombane yiyo ewulungisayo.

Isebe loYilo kune neNkqubela lijonganana nolwakhiwo lwezindlu. Xa umntu efuna ukwandisa indlu yakhe maxa wambi omnye ufuno icebo lokuba angayakha njani na indlu yakhe yoshishino ibenkulu, yonke loo nto uyizisa kweli sebe. Likwahlula imihlaba ngokwemida.

Isebe leMpilo lijongene nempilo yabantu. Lihlola zonke iindawo aphi kuhlala khona abantu kune nalapho kuthengiswa khona ukutya. Isebe lezamahlathi kune neepaki. USomahlathi wenza idolophu ibukeka, utsala imithi kune neentyantyambo. Ugcina iindawo zokudlala zabantwana zibukeke ngalo lonke ixesha. Ngamanye amaxesha ucheba ingca ukuba ingabi nde, alolonge namahlathi.

[Sicutshulwe kwincwadi ka-J.A.DuPlessis, M.Mdlali no-M,Visser.ethi: IsiXhosa. Iphepha 109 saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

ISIBHENGEZO-NTENGISO.

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

Curly and Soft, iinwele ziqinisekisiwe ngokuthamba. Yenzelwe amantombazana aselula. Yi-R18.20 inye. Zuza *isaphulelo*, thenga zibe mbini ngama-R30.



www.easywaves.co.za

[Sithathwe ku-goggleimages.com saze sahlelwa]

- 3.1 Bhala isilogeni sesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.2 Loluphi udidi lвесини esisetyenziswe kulo mfanekiso? Iyintoni injongo yoko? (2)
- 3.3 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.4 Xela umsebenzi owenziwe sisimamva esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sibizo. Amantombazana (1)
- 3.5 Bobuphi ubuchule bolwimi obusetyenziswe ngumthengisi kumagama abhalwe bukekela. Zuza *isaphulelo*. (2)
- 3.6 Chonga owona msebenzi owenziwa yile mveliso. (1)
- 3.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
Le mveliso inesaphulelo semali engange ... xa uthenge zambini:


- A R18,20
- B R16,00
- C R6,40
- D R10,40

(1)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



- 4.1 Ucinga ukuba iqhubeka phi le ngxoxo ikwiqam-1. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2 Khetha kwezi zilandelayo isikhundla sesithethi esikwiqam-1 esikhombe umnwe.
- A Utitshalakazi.
 - B Unesi.
 - C Umzali.
 - D Umfundi. (1)
- 4.3 Xela izinto zibe ziMBINI ezibonisa ukuba umntu ongasekhohlo kwiqam-1 unomsindo. (2)
- 4.4 Amachokoza abhalwe emveni kwesikhuzo uYhoo! achaza ntoni? (1)
- 4.5 Yeyiphi le nginga ibethelelwa sisithethi esibeke izandla entloko? (1)
- 4.6 Amazwi athi “Ungafikuloqe” asixeleta ntoni ngesithethi? (1)
- 4.7 Uthini umyalezo wale khathuni? (2)
- [10]

UMBUTO 5

IPROZI

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F

AMAZWI OMFUNDISI-NTSAPHO

Lisiko lethu thina maXhosa ukuthi **inkwenkwe** siyiphe amazwi xa **iphuma** esuthwini. Nawe namhlanje akwahlukanga kuyaphi ekrwaleni, kuba obu bomi uza kungena kubo bokuzalusa, ukhanyisele nesizwe ngesibane okhutshwa naso ekhaya apha. Xa ushiya lo mzi uze wazi ukuba thina bantu bebekuqhuqha bekuqequesha asiphelelwanga kukuzidla ngawe, koko sifuna uye kusidumisa ezizweni ukuze nongazanga anyathele kulo mzi anqwenele ukuza kuvuthisa isibane sakhe kuwo ngenxa yokubona wena, kunye nemisebenzi yakho emintle.

Le mfundo nale ngqequesho sikunike yona ungaze uyilahle. Mandigqibelise ngelithi, uzubathande abazali bakho nokuba bona abazanga bawubone umnyango wesikolo, wazi ukuba bona bangumthombo kuwe.

[Ucatshulwe kwincwadi ethi: limvamvanyo zesiXhosa, M.S Siwundla, waze wahlelwa]

- 5.1.1 Bhala ngokutsha esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo elandulayo.
 - ... lisiko lethu thina maXhosa ukupha amazwi. (1)
- 5.1.2 Nika isithetha ntonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wokuqala. (1)
- 5.1.3 Bhala isinye sesi sibizo: **Amazwi**. (1)
- 5.1.4 Fakela izimelabizo ezichanekileyo kwindawo enezibizo kwesi sivakalisi singezantsi.
 - KwaXhosa inkwenkwe siyipha amanzi. (2)
- 5.1.5 Khetha isigaba sentetho seligama likwisibiyeli: (*Namhlanje*) kula adweliswe ngezantsi.
 - A Isimelabizo.
 - B Isenzi.
 - C Isihlomelo.
 - D Isichazi. (1)
- 5.1.6 Sebenzisa igama elibhalwe ngqindilili njenges**sichasi** kwisivakalisi, sinike intsingiselo echaseneyo kule ikwisicatshulwa. (3)
- 5.1.7 Tyumba isenzi esixandileyo kwesi sivakalisi silandelayo uze uxele nodidi lwaso.
 - Lo mzi ukuza kuvuthisa isibane sakhe. (2)

5.1.8 Nika isizathu sokushiywa kweceba kwisibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Le mfundo nale ngqequesho sikunike yona. (1)

5.1.9 Lungisa isiphene sopelo kwisivakalisi esingezantsi.

Thina sikufundisa imisebenzi emintle. (1)

5.1.10 Yakha iqhalo/isaci ngeli gama lingezantsi:

A Ekhaya. (1)

5.2 UMFANEKISO

Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G



[Uthathwe kwi- free-fromdoctopdf.com waze wahlelwa]

5.2.1 Lungisa ngokufanelekileyo igama elikwizibiyeli.

(... betha) kakhulu umntwana ngutitshala. (2)

5.2.2 Khetha isihlomelo kwesi sivakalisi silandelayo uchaze nodidi lwaso.

Ukhala kabuhlungu umntwana omncinci. (2)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha elizayo.

Uyalila umntwana wasekhaya. (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80